# UPhumlo nomhlobo wakhe

## Imibuzo phambi kwebali

1. Chaza ukuba ubona ntoni kulo mfanekiso.
2. Yintoni igama lesisilwanyana esiphetheyo?



EXTRACT PAGES

UPhumlo yintombi eneminyaka esixhenxe, efuna isilo qabane.
"Mama ndicela isilo qabane esingumvundla," wavakala esitsho uPhumlo.

Mingaphi iminyaka kaPhumlo?



Umama noPhumlo batyelela ivenkile yezilo qabane.
"Phumlo lumka nasi isigcawu," watsho umama.
"Ewe mama ndiyasibona, kodwa mna ndifuna umvundla.".

EXTRACT PAGES

Ucinga ukuba yintoni isilo-qabane? Unaso wena?



EXTRACT PAGES

"Mna ndifuna umvundla."
" Le ntlanzi idadayo andiyifuni."
"Ndiza kufuya umvundla mna."

Ukuba ibinguwe ubuzokhetha esiphi?



EXTRACT PAGES

"Yhuu! nantsi engaka mama!"
"Iza kusitya nathi?"
"Mna mama andiyifuni, ndifuna umvundla wam."

Funda umqolo obonakalisa ukuba uPhumlo wayesoyika.



"Zijongeka zintle ezi ntaka."
"Zinemibala ngemibala emihle, kodwa andizifuni."
"Ndifuna ukufuya umvundla wam mna."

EXTRACT PAGES

Dwelisa imibala oyibonayo apha kulo mfanekiso.


EXTRACT PAGES

"Ikati idlala ngebhola yewulu."
"Ingade ibentle, kodwa mna andiyifuni."
"Ndifuna ukufunqula umvundlana wam."


Ucinga ukuba yenziwe ngantoni le bhola yekati?



EXTRACT PAGES

"Kowu! liyabukeka ke elintshontsho lenja", watsho uPhumlo. "Mna andilifuni."
"Ndifuna umvundlana wam, ndilale nawo ebusuku."

Ngokubona kwakho sikhona isilwanyana azokusithanda uPhumlo?




UPhumlo utsala umama wakhe.
Embonisa icala elinemivundla.
Badlule bengathi abaziboni iimpuku.

Wayengxamele ukubona esiphi isilwanyana uPhumlo?



EXTRACT PAGES

"Yhuu! andisavuyi nasi isilo qabane somvundla wam."
"Andisavuyi," watsho uPhumlo.
"Ndifuna esi simhlophe mna mama."

Chaza umbala womvundla owakhethwa nguPhumlo.



EXTRACT PAGES

"Nanku! endiwufunayo," watsho ewufunqula.
"Ndiyavuya kakhulu mama."
"Uza kundithengela phofu?"



Ubona ngantoni ukuba uPhumlo wayevuya ukufumana umvundla wakhe?




"Enkosi mama."
"Mhle, umhlophe kwaye ndiyawuthanda," watsho ewutekekisa.

Xa ujonge lo mfanekiso, ucinga ukuba uPhumlo wayeziva kanjani?



EXTRACT PAGES

Umama wawuhlawula umvundla.
UPhumlo wayesele ewufunqule.
Ewucofacofa oboboya butofotofo.
"Ndiyavuya ndide ndawufumana umvundlana wam."

UPhumlo uyavuya kakhulu. Ucinga ukuba bekunokwenzeka ntoni ukuba bebengawufumananga umvundla wakhe?